Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Department van Onderwys
Porafensie Ya Kapa Botjahabela: Lefapha la Thuto

**EXAMINATIONS AND ASSESSMENT CHIEF DIRECTORATE**

**Home of Examinations and Assessment, Zone 6, Zwelitsha, 5600**
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA, Website: www.ecdoe.gov.za**


# 2024 NSC CHIEF MARKER'S REPORT

| | |
|---|---|
| **SUBJECT** | **ISIXHOSA HOME LANGUAGE** |
| **QUESTION PAPER** | **2** |
| **DURATION OF QUESTION PAPER** | **2½ HOURS** |
| **PROVINCE** | **EASTERN CAPE** |
| **NAME OF THE INTERNAL MODERATOR** | **DR BILATYI N** |
| **NAME OF THE CHIEF MARKER** | **MDA QC** |
| **DATES OF MARKING** | **26/11- 12/12/ 2024** |
| **HEAD OF EXAMINATION:** | **MR E MABONA** |

**SECTION 1: (General overview of Learners Performance in the question paper as a whole)**

- Kuyachulumancisa ukufumana le nyhweba yokwenza ingxelo ngeli phepha lesiBini leemviwo zika Novemba 2024. Le ngxelo icaca gca okwekati emhlophe ehlungwini xa eyifunda uphethe nephepha lemibuzo kuba icacisa lona. Eli phepha linemibuzo eli-17. Icandelo lokuqala linemibuzo emihlanu esekwe kwincwadi yemibongo.

  Icandelo lesibini linemibuzo esibhozo esekwe kwiiNoveli ezintathu, iNkawu idliw' ilila, Nyana wam! Nyana wam!, Ukhozi olumaphiko kunye nomcwadi lwemveli. Icandelo lesithathu linemibuzo emine esuka kwiincwadi zeDrama ezimbini, Buzani kubawo kunye neNdlal' inamanyala.




Ngokwale grafu ingasentla sibhaqa ukuba linyukile kunonyaka ophelileyo inani labafundi abakwinqanaba 1 loo gama lipucukile inani labafundi abakwinqanaba 6 no 7 kunonyaka ophelileyo. Uninzi lwabafundi luthe finini kweli nqanaba 5 kodwa lihlile inani labakwinqanaba 4 no 3.

Singabalula izinto ezimbalwa ezingunobangela wale meko yokuwa ezizezi zilandelayo;

Babethwe kukungalandeli imiyalelo yamaCandelo. Kukho abasilele ukuphendula umbuzo 5, ongumbuzo ekunyanzeleke ewuphendundule kwiCandelo A ya za loo nto yenza baphulukana namanqaku ali- 10. Bambi bathi bewubhudile lo myalelo weCandelo lokuqala baphinde babhatyaze bangawusi so umyalelo weCandelo lesibini nelesithathu. Endaweni yokuphendula umbuzo omde kwelinye iCandelo nombuzo omfutshane kwelinye iCandelo usuka aphendule imibuzo emifutshane kuwo omabini amacandelo. Wumbi uphendula imibuzo emibini kwiCandelo elinye, yenza loo nto ukuba aphulukane namanqaku angama - 25.

Kukho imbinana esuka ikhuphele izicatshulwa ezikwiphepha lemibuzo endaweni yokuphendula umbuzo obuziweyo kwimibuzo emide. Bambi bayasilela ukutolika umbuzo suka endaweni yokuxhasa ngeziganeko ezisebalini babhale isincoko sePhepha

lesithathu,etyibela izimvo zakhe ezingadibananga tu nencwadi ayalathelweyo.

Kukho ingxaki yokunombola nendlela engeyiyo le kunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo, Ibayingxaki enkulu xa kubhudwe yonke imibuzo, umzekelo aqale ngombuzo 2 athi ngumbuzo 1 kuba ewubhale ekuqaleni, imibuzwana ephantsi kombuzo azenzele eyakhe indlela yokunombola, athi 1.1, athi kumbuzo 3, 2.1 kumbuzo 5 athi 3.1, kumbuzo 7athi 4.1. Kubalusizi kakhulu ke xa engaphendulanga namnye umbuzo omde, ephendule imibuzo emifutshane yodwa, uphetha engafumani nto.
Kukho abafundi abayibhala yonke le mibuzo yeCandelo lokuqala loo nto yenza endaweni yemithathu babhale emihlanu, ubukhulu becala uyachaneka umfundi kuba ubhala ephantsi koxinzelelo lokuleqa ukuyigqiba ngexesha elingephi, angacoseleli namnye umbuzo kuyo.

Kwimibuzo ezizincoko iNoveli neDrama baqhube kakuhle uninzi lwabo nangona isekho imiceli mngeni yembinana ebholelecaleni, ephetha iphulukana namanqaku ngenxa yokungamameli umbuzo nokungabinalwazi luphangaleleyo ngencwadi.

Ibathwana labafundi lifikelele kwinqanaba le- 7 nangona umyinge ungaphantsi kowonyaka ophelileyo.

**SECTION 2: Comment on candidates' performance in individual questions**

**UMBUZO 1**

Uninzi lwabafundi aluwuphendulanga Umbuzo 1 osisincoko sombongo, Imfecane. Kuloo mbinana iwukhethileyo lo mbuzo kunqabile ukuba bawuphendule ngokugqwesileyo .

Kunzima kubo ukutyhila indlela izehlo kwimbali yeMfecane ezikukhulisa ngayo ukuyiqonda intlungu yokumfenguza kwesizwe samaHlubi. Abanye bakhuphela umbongo unjengoko unjalo, abanye babalisa ngohambo lwamaHlubi gabalala. Kweli qaqobana liphendule lo mbuzo kukho ingxakana yabathile abangazichaphazeli zonke izitanza bajikeleza isitanza esinye loo nto ibenze balambathe kumxholo wesincoko.

**UMBUZO 2**

2.1 Abafundi abaninzi bayakwazi ukuwakhetha la mabinzana batsho bawafumane la manqaku. Lisekho iqaqobana elinyothula umqolo wonke ze lingakrweli mgca phantsi kwamabinzana achaphazelekayo ngokombuzo. Esi simbo siphuhlisa ukungakwazi ukohlula phakathi komqolo nebinzana.

2.2 Ulicham lo mbuzwana kuninzi lwabafundi bambalwa kakhulu ababhidanisa u(b) no(a) baqale ngabeSuthu endaweni yamaXhosa.

2.4 Abafundi bayoyisakala kukutyhila ukuba isikweko silicacisa njani ixabiso lolwazi ekufuneka eze nalo uJohn Tengo Jabavu, bona bachaza indima kaJohn Tengo Jabavu. Abakwazi ukunxulumanisa isikweko nomsebenzi waso. Bambi ebemki kakhulu kwimpendulo exhasayo nto nje basilela ekukhankanyeni umsebenzi wesikweko babe bona bezixhasa ngempendulo evakalayo, ngelishwa amanqaku ale mpendulo akaqhekezwa.

2.5 ,3.5.4.5 Bambalwa abawaqokolela omabini amanqaku kulo mbuzo, kaloku ithoni ixhaswa ngesigama esifumaneka kwisitanza osalathelweyo. Ingxaki uninzi luyohluleka ukuzixhasa ngesigama esikwisitanza yenza loo nto kubekho abachana ithoni kuphela bafumane inqaku elinye baliphose elenkxaso. Bakhangeleka bebhidanisa ithoni nomoya .

**UMBUZO 3**

3.1 Abanye abafundi bayasilela ukucaphula imiqolo emibini ebonisa intshukumo, bacaphula imiqolo emibini kodwa intshukumo inye ;Umzekelo

" Ngokwesethu isithethe

Inkwenkwe iyazihlanganisela"

Uphetha umfundi efumana inqaku elinye lalo mqolo wesibini.

3.4 Abawuvezi umsebenzi wesakhi silanduli nesimamva u-ana, xa kukhankanywa uphinda-phindo kugxininiswa /kubethelelwa uluvo okanye ingcamango yesenzo esenzeka kumacala amabini, ekufuneka sinqandiwe ngokombuzo lo.

**UMBUZO 5**

5.2 Kukho imbinana yabafundi engazise so ezi nombolo zikulo mbuzo (a) no (b) yona ifaka ilungu lokuthetha ekuqaleni ilandele ngelokumamela loo nto yenze aphulukane nawo omabini la manqaku.

5.4 Bakho abafundi abangawuphendulanga kakuhle lo mbuzo abakhankanya imvanosiqalo efumaneka kwizitanza ezithile kanti umbuzo ufuna kujongwe kumbongo wonke.

**ICANDELO B : INOVELI**

- Kweli Candelo nangona zine iincwadi kodwa phantse bonke abafundi baphendule iNkawu idliw' ilila . Ngumyinge ka- 1% ekhulwini ophendule incwadi ethi, Nyana wam! Nyana wam !

**UMBUZO 6**

- Abafundi abakhethe lo mbuzo mde uninzi lwabo luwuzamile . Bakho abafundi abawaqokolele onke amanqaku. Isincoko sabo basicwangcisa kakuhle sanentshayelelo, kwisiqu bazibeka iingongoma ezibonisa abantu ahlangene nabo uThantaswa negalelo labo ekuweni nasekuphumeleleni kwakhe, bezixhasa ngeziganeko ezisencwadini. Balebela ngokusiphetha ngokukuko isincoko sabo. Basinonga isincoko sabo ngolwimi oludlwengula umxhelo.
- Kukho udidi lwabafundi olugxila kwicala elinye , mhlawumbi kwisiwo sikaThantaswa kungabikho nanye ingongoma enxulumene nempumelelo

yakhe loo nto yenza bangawafumani onke amanqaku kuba bawutyeshele umbuzo.

- Abanye abafundi abakwazi ukunyothula amagama abalinganiswa adibene nabo uThantaswa abanegalelo ekuweni nasekuphumeleleni kwakhe koko babalisa incwadi bengagxilanga kumbuzo.
- Kukho imingqandandana engaphumelelanga ngokwerhubrikhi , unobangela kukungaphenduli umbuzo, bambi babonakalisa ukusilela ekwazini incwadi le. Kukho ibathwana labafundi eliye laphazamisa iindima zabalinganizwa, oko kuphuhlisa ukungayazi kakuhle incwadi. Lihlile inani labo bakhuphela izicatshulwa ezikwiphepha lemibuzo kumbuzo 7 zinjengoko zinjalo. Abanye abafundi babalisa nje ibali elingadibananga nencwadi le, ngokungathi ngabantu ababhala isincoko sephepha 3.

**UMBUZO 7**

7.1 Kunzima ukufumana umfundi ofumene amanqaku onke kulo mbuzo, Unobangela kukungayazi okanye ukungayifundi incwadi. Akululanga ukuphendula imibuzo emifutshane xa ungayazi incwadi. Kukho imbinana yabafundi abafumana phakathi kwenqaku 0-5. Oku kuphuhlisa imeko emaxongo kolu didi lwabafundi. Bambalwa kakhulu abawaqokolela onke amanqaku kulo mbuzo.

7.3 Abanye abaviwa abawuphendulanga kakuhle lo mbuzo endaweni yokuthi babedanile bathi babesoyika, abakwazanga ukutolika esi saci sikumbuzo.

7.4 Abanye abafundi babanengxaki kulo mbuzo, kubonakala ukuba bagqwethwe ligama , “isimo” bangayibambi into yokuba kufuneka uchaze ukuba ungumlinganiswa onjani, baveza inkangeleko kaMfuneko okanye banike umsebenzi wakhe ongenanto yakwenza nokungcola kwakhe. Bambi bathi “ukwimo emnandi”, bambi bathi “uliphakuphaku kuba uza nomphanga”, abanye bathi “wothukile”. Loo nto intama ukusilela kumcimbi wokutolika kakuhle umbuzo.

7.5 Likho iqaqobana labavavanywa elingazazanga ezona zohlwayo avele ngazo ukuba uluchasile ulwaphulomthetho.

7.6 Abanye abafundi bawuphendula lo mbuzo bebohlule uNqoza noMfuneko. Beza nesiphelo sabo ekupheleni kwebali, abachongi esi sibadibanisa bobabini

mva kwamanyundululu abo, esi sokuba bobabini baphelelwe ngumsebenzi.

7.7 Endaweni yokutyila ubunyani bamazwi kaBhanqo ngokombuzo basuka baphikise/ bachase olu luvo lukaBanqo.

7.10 Bayohluleka abanye ukuza nazo zone ezi ngongoma zincedise ukukhulisa nokusombulula ulwaphulomthetho. Bambi bajikeleza ingongoma elinye batsho ngomtyangampo wentetho ende, bejikeleza ndawonye.

7.11 Endaweni yokugxila kuthando lukaMfuneko noThantaswa nentlekele ekwisiphelo sencwadi bakhankanya uthando oluphakathi koThantaswa noMsindisi nendlela afe ngayo uMsindisi, kube ukufa kukaMsindisi kungekho kwinqanaba lesiphelo. Kukho abafundi ekubonakala ukuba kumnyama thsu ngesiphelo **esiyintlekele**

**ICANDELO C : IDRAMA**

**UMBUZO 14 , 16 IMIBUZO EMIDE**

Abafundi bayizamile yomibini le mibuzo mide oko kutsho, umbuzo 14 no 16.

**UMBUZO 15 NO 17: IMIBUZO EMIDE**

15.3, 17.3 Abafundi banxulumanisa ulwazi lwabo lwesihloko babhude ukuphendula nangokubhekiselele kwisicatshulwa asinikiweyo. Bayasilela ukuveza icala lesihloko kunye necala lesicatshulwa.

15.5 , 17.5 Umbuzo othi mabaphonononge isigwebo kunye nesenzo somlinganiswa ubabethile abafundi abaninzi bachaza isigwebo bangasinxulumanisi nasenzo sakhe.

15.7 Bayohluleka ukunxulumanisa amazwi nengxaki yekhaya likaGugulethu noNomaMpondomise.

15.12 , 17.12 Endaweni yokunika umyalezo abanye abafundi banika imfundiso.

17.6 Abanye abafundi endaweni yokubonisa ukuphela koyolo emva kokujoyina uMagrazula banika izizathu gabalala ezibonisa imeko yabo, umzekelo, indlala ebuthuthisa imithwalo erenkini, ukungaqeshwa kwabantwana babo befundile, zibe ezi meko zingaphenduli lo mbuzo nangona izizganeko ezikhoyo encwadini.

**(a) General comment on the performance of learners in the specific question. Was the question well answered or poorly answered?**

Kwicandelo A

Umbuzo 1 Abawuphendulanga kakuhle nangona bembalwa abawukhethileyo. Umbuzo 2,3.4 bawuzamile bohluleka yimibuzo 2.4-5,3.4-5, 4.4-5.

Umbuzo 5 bawuphendule kakuhle ngaphandle kombuzwana 5.4 uninzi oluwuphosileyo kunale ifundisiweyo, loo nto iphuhlisa ukuba abanqatyelwanga kwaphela kukuhlalutya umbongo koko imibuzo ebikwiphepha iye yantsokotha.

KwiCandelo B

Umbuzo 6 no 8 bayiphendule kakuhle uninzi lwabo ukanti umbuzo7 no 9 basilele ukuqokolela amanqaku.

KwiCandelo C

Umbuzo 14 no 16 bawuzamile ukanti umbuzo 15 no 17 uninzi lube nengxakana ezenze abaphumelela, ngenxa yokungaqondi eyona nto ibuzwayo.

**(b) Provide suggestions for improvement in relation to Teaching and Learning**

- Mabasoloko bekhunjuzwa abafundi ngendlela eyamkelekileyo yokukhetha imibuzo.
- Mabangagwegwelezi xa bephendula, mabanike impendulo ethe ngqo.
- Makugxininswe kwizixhobo zokuhlalutya ezifana nophindaphindo,ithoni nezafobe ukunqanda umonakalo obonakala kweli phepha xa kufundiswa isihobe.
- Mayibethelelwe imisebenzi yezafobe.
- Mawubethelelwe umahluko phakathi kokuchonga nokucaphula.
- Abafundi mabangasithumi kumqolo xa kufuneka ecaphule.
- Masingonqeni ukufundisa umbuzo osisincoko sombongo ukuze bakwazi ukuphononononga lo mbuzo ngendlela eyiyo.
- Mabaqhelaniswe abafundi nendlela yokubhala isincoko seCandelo B no

C ukuze baqhele nokusahlula ngokwemihlathi isincoko.

- Abacebisi besifundo mabakhuthalele ukwenza ucweyo, ukuqala konyaka nakwikota yesine phambi kokuba kuchotshelwe iimviwo zokuphela koonyaka ukuze kuxhotyiswe ootitshala kugxininiswe nakwimibuzo ekwiqondo eliphezulu. Injongo kukukhulisa ootitshala kuhlalutyo loncwadi, Bangohlulwa nangokweSekethe ootitshala ukuze bakwazi ukusoloko befuthelana. Bangandwendwela izikolo ngeenjongo zokunika inkxaso ukuze kujongwe imisebenzi yemihla ngemihla ukuba iyaziphuhlisa na izixhobo zohlalutyo loncwadi.

- Kubalulekile ukuquka ootitshala abaqhelene nokulimakisha eli phepha lesibini, kwisithili xa kusenziwa ucweyo ukuze nabo bancedise ekuphokozeni awabo amava ngendlela yokuhlalutya uncwadi.

- Makugxilwe kwindlela yokuphendula izenzi eziyalelayo(instructional verbs), Imizekelo, Tyhila, chonga, caphula,chaza, cacisa, khankanya, xhasa,chasa,phawula, phononongo, nezinye.

- Ootitshala mabaqhelanise abafundi nesigama esisetyenziswayo xa kuhlalutywa iNoveli okanye iDrama.
- Abafundi mabayifunde emagumbini okufundela incwad ze ihlalutywe ngoncedo lukatitshala, mabalazi ibali neendima zabalinganiswa abathatha inxaxheb encwadini. Mabaqhelaniswe nendlela ekubuzwa ngayo ngokwamaphepha emibuzo angaphambili.
- Kukho uqeqesho(training) olwenziwa phambi kokuba kukorekishwe amaphepha ingcebiso zithi kwaba mabalugqithisele ulwazi
  abalufumeneyo kwititshala zezikolo ezikwizikolo zazo ezingekhoyo apha ukuze baxhobe nabo.
- Kungabaluleka ukuba esi sifundo sesiXhosa sibandakanywe kumaxesha ezifundo ezongezelelweyo ukuze abahlohli bafumane ixesha elaneleyo lokuphicotha uNcwadi.
- Mabaqhelaniswe nokusetyenziswa kolwimi olusulungekileyo ukuze bakwazi ukutolika izaci namaqhalo.

Abafundi mabawazi umxholo wencwadi abayifundayo nemixholwana ephuhlisa umxholo .

- Umceli mngeni ophawulekayo ngowokuba abafundi basenengxaki ukohlula phakathi komyalezo, injongo kunye nemfundiso. Kubalulekile ukuba bafundiswe ukuzahlula.
- Ootitshala xa behlalutya incwadi mabagxile kwiimpawu zedrama, kwindima edlalwa ngabalinganiswa, indlela yokuphendula umbuzo ofuna uthelekiso, isihloko sinxulumana njani neengxoxo ezingaphakathi encwadini.

Ukunqongophala kweencwadi ezikolweni ingangunobangela wolwazi olumfiliba kubafundi, kwizikolo ezincediswa nguRhulumente kungakuhle ukuba kungaqinisekiswa ukuba iincwadi ziyabonela abafundi, ukunqanda le ngozi. Kungancedisa ukuba ootitshala besithili ingakumbi abafundisa ibanga 12 babenonxibelelwano oluluqilima bafuthelane ngemeko yohlalutyo lwencwadi, nabo bangasebenza ngokwamaqela, abanamava kweli phepha baxhobise abaqalayo ukungena entsimini.

**(c) Describe any other specific observations relating to responses of learners and comments that are useful to teachers, subject advisors, teacher development etc.**

- Abafundi abaninzi babalisa ibali xa bephendula umbuzo omde weNoveli okanye iDrama, uninzi ke kulo mbaliso luphetha lungadanga lawuphendula umbuzo obuziweyo. Kukho ababhidanisa abalinganiswa beencwadi zamabanga angaphambili nabezi ncwadi , banamaxesha okufaka uMelusi noDumile abangekhoyo kwezi bazifundayo iincwadi. Ikho imbinana ebidanisa uMfuneko noMfezeko okanye ingakwazi ukohlula uMfezeko kuMapheza noMfuneko kuMnenga.
- Kukho imingqandandana ephendula ngokuzingela iimpendulo kwizicatshulwa ezisembuzweni kucacile ukuba abazi nowathwethwa ngencwadi le.
- Ukuthungelana kwemixholwano kuyababetha, umfundi ubhala loo nto

ayicingayo nangona ingaphenduli mbuzo.

- Kwimibuzo ekufuneka bephendule ngokwesicatshulwa baphendula ngokolwazi lwabo lwencwadi gabalala ukanti xa ufuneka bephendule ngokolwazi gabalala bazikhonxa kwinto ebhalwe kwisicatshulwa abasinikiweyo, kubalulekile ukuba bawuqwalasele umbuzo.
- KwiDrama kwimibuzo emifutshane bayoyiswa kukutolika izenzi ezifana no"tyhila, phononongа, ngqina, hlalutya ".
- Abanye bayawazi amagama abalinganiswa kodwa ukubhidanisa kwabo iindima abazidlalayo kuguqula umxholo webali.
- Imibuzo edinga abafundi bavelele amacala amabini/ethelekisayo, aphononongе iyaboyisa umzekelo 15.3, 15.5, 15.7 ,15.9, 17.3,17.5. 17.7 no
17.9.
- Imibuzo ebathuma kwisicatshulwa abafundi ibathwaxile kuba basuke baphendula ngokolwazi lwabo lwencwadi. Kumbuzo 5.5 kumbuzo ophononongа isigwebo, beza nesigwebo sentambo esisiganeko esikhoyo apha encwadini kodwa ekungabhekiswanga kuso ngokwesicatshulwa, ngokunjalo nakumbuzo 17.5 baphawula ngokubiwa kweentsana kube kuthethwa ngabantu abasebenza ngeentloko.

***ISIKHWEBU SIMNANDI NGOKUCHUBELANA !!!!!!  MAZ'  ENETHOLE!!!!!!!!***